Isalathiso: 20190111-183
Inombolo yefayili: 12/2/10/5/7
Imibuzo: Jonga kwitheyibhile engezantsi

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhando: 0001/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Ukukhutshwa kweziphumo zeeMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeSebe i*WCED* zango-2018 kumaBakala 3, 6 no-9

1. Ngo-Oktobha 2018, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liqhube iiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo kwiMathematika nakwiiLwimi kumaBakala 3, 6 no-9.

2. Iziphumo ziya kufumaneka kwi*CEMIS* ngowe-14 Januwari 2019. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zizifumane iziphumo zazo ngokukhawuleza ukwenzela ukuba zizibandakanye kwiziCwangciso zoKuphucula iZikolo zazo.

3. Iingxelo eziya ezikolweni ziya kunika iireyithi zokupasa namanqaku angumndilili azuzwe sisikolo ngasinye, ziphinde kwakhona zibonise indlela ekuqhutywe ngayo kwiinkalo ezithile kwiilwimi nakwimathematika.

4. Zikwabandakanya neeNgxelo ii-*Diagnostic Reports* ezenza iqondeke kakuhle indlela abaqhuba ngayo abafundi ngokwemigangatho yovavanyo emiselweyo.

5. IiNgxelo zeZikolo (*School Reports*) nee-*Diagnostic Reports* ziyafumaneka kwi*CEMIS* yaye zinokufunyanwa ngolu hlobo lulandelayo:

    - Khetha i-ayithem yemenyu "*Assessment and Exams*" *uze ukhethe u-"Systemic Test Results 2018"*. Kwi-*drop-down menu*, khetha ibenye kwezi zilandelayo:
        - KwiBakala 3, khetha "*Grade 3 Results 2018*". Kwi-*drop-down menu*, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report*, *Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.
        - KwiBakala 6, khetha "*Grade 6 Results 2018*". Kwi-*drop-down menu*, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report, Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.

- KwiBakala 9, khetha "*Grade 9 Results 2018*". Kwi-*drop-down menu*, khetha ibenye kwezi zilandelayo: *School Report, Mathematics Diagnostic Report* okanye *Language Diagnostic Report*.

Kumele ukuvela le ngcaciso ikhutshelweyo (*downloaded)* kwiskrini.

- Ukuba ingcaciso ayiveli, yiya kwi-*menu bar* phezulu uze ukhethe u-"*Tools*". Emva koko khetha u-"*Pop-up Blocker*", uze ukhethe u-"*Turn-off Pop-up Blocker*" uklikhe.
- Kwakugqitywa oku, khetha libe linye kula mabakala ukujonga iziphumo.

6. Malunga nayo nayiphi imibuzo ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane, kucelwa uqhagamshelane negosa elijongene nesithili sakho njengoko kucacisiweyo kule theyibhile ingezantsi:

Umntu ekuqhagamshelwana naye	**Isithili semfundo**
Gqr Audrey Wyngaard, ifoni: 021 467 9272 Audrey.Wyngaard@westerncape.gov.za	*Cape Winelands*
	Metro East
	Overberg
Gqr Nomawabo Makapela, ifoni: 021 467 9297 Nomawabo.Makapelao@westerncape.gov.za	*Metro North*
	Eden and Central Karoo
Mnu Vumile Nyalashe, ifoni: 021 467 9350 Vumile.Nyalashe@westerncape.gov.za	*Metro Central*
	Metro South
	West Coast
	Izikolo ezizimeleyo

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-01-11